URhulumente
weNtshona Koloni

ISebe leMfundo leNtshona Koloni
**Zane Isaacs**
ICandelo loLawulo lweeMviwo
Zane.Isaacs@westerncape.gov.za | 021 467 2942

Inombolo yefayili: 20/3/7/6/2
Isalathiso: 20241122-8689

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo lweeMviwo: 0009/2024

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kumaSekela-Balawuli, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam; kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwaMaziko, kuBaphathi beeSekethe, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zoQuquzelelo neNgcebiso ngeze-*ISLES*, kuBaququzeleli boVavanyo neeMviwo, kuBacebisi beZifundo nakwiiNtloko zamaziko alungiselela abaviwa kwiimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke

**Isihloko: Ukukhutshwa kweziphumo zeemviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke (*NSC*) zango-2024**

1. Ukwenzela ukuba iinqununu/abaphathi bamaziko benze amalungiselelo ayimfuneko okuthatha nokutshekisha ezi ziphumo zikhankanywe ngentla apha, kukhutshwa **le ngcaciso nemihla** elandelayo

1.1 Iinqununu/abaphathi bamaziko (okanye ootitshala nabasebenzi ekudluliselwe kubo amagunya) banokuzithatha iziphumo ze-*NSC* kwii-ofisi zezithili **ngoLwesibini we-14 Januwari 2025 ngo-07:30**

1.2 Iinqununu/abaphathi bamaziko (okanye ootitshala nabasebenzi ekudluliselwe kubo amagunya) banikwa **iiyure ezimbini ezinesiqingatha** zokutshekisha iziphumo bakhangele naziphi na iimposiso okanye iimpazamo ezibonakala ngokulula. Ezi mpazamo mazixelwe kwiCandelo loLawulo lweeMviwo kwezi nombolo zefoni 021 467 2483/9327/2931/2567 okanye kwiZiko leeFoni leeMviwo ku-0861 819 919.

1.3 Iziphumo zinokunikwa abaviwa kwizikolo zabo nakumaziko okubhalela iimviwo achaphazelekayo ukususela ngo-**10:00 ngoLwesibini we-14 Januwari 2025**. Iziphumo zabaviwa abasisigxina ziya kufumaneka kuphela ezikolweni naku-intanethi, kwaye AZIYI kufumaneka kwiZiko laBenzelwa iiNkonzo leCandelo leeMviwo leSebe leMfundo leNtshona Koloni (iSebe i*WCED*).

1.4 **Makuqatshelwe: Akukho ziphumo mazaziswe abaviwa yaye kungekho ngcaciso malunga noku mayinikwe abamajelo eendaba ngaphambi ko-10:00 ngoLwesibini we-14 Januwari 2025.**

1.5 **Okubaluleke kakhulu – iinqununu/abaphathi bamaziko ABANAKUYIBAMBA ingxelo yeziphumo ze-*NSC* zakhe nawuphi na umviwa ngenxa yazo naziphi na iimeko zangaphakathi, umz. iincwadi zezifundo ezingekabuyiswa okanye iifizi zesikolo ezingahlawulwanga.**

1.6 Iziphumo ziya kufumaneka **ngoLwesibini we-14 Januwari 2025 ngo-11:00** kwiziko lewebhu leSebe iWCED apha: **https://wcedonline.westerncape.gov.za**. Ukufumana iziphumo zabo, zomviwa ngamnye, abaviwa kufuneka bafake **iifani zabo nenombolo yesazisi/nomhla wokuzalwa** kwiziko lewebhu leSebe iWCED.

1.7 **Mabacetyiswe abaviwa ukuba batshekishe amagama abo apheleleyo neenombolo zezazisi ukuba zibonise ngokuchanekileyo na kwingxelo yeziphumo zabo.**

1.8 Imibuzo emalunga neziphumo imele ukungeniselwa ukuba kwenziwe uphando ngayo zingadlulanga **iintsuku eziyi-30** emva kokukhutshwa kweziphumo. Mayingeniswe yonke imibuzo apha: ExamResults@westerncape.gov.za

1.9 Itheko lamabhaso *e-NSC* liya kuqhubekela *e-Leeuwenhof* **ngoLwesine we-30 Januwari 2025 ngo-10:00.**

2. **Ukumakishwa kwakhona nokutshekishwa kwakhona kwezikriphthi (*scripts*) ze-*NSC* zango-2024**

2.1 Izicelo zokumakishwa kwakhona nokutshekishwa kwakhona kweencwadi zeempendulo mazingeniswe kusetyenziswa amaqonga onxibelelwano ngekhompyutha (*online platform*) apha: www.eservices.gov.za.

2.2 Umhla wokuvala kwizicelo zokumakishwa kwakhona **nguLwesibini we-28 Januwari 2025.**

2.3 Kusebenza ezi ntlawulo zilandelayo ngesifundo ngasinye:

| | |
|---|---|
| Ukumakishwa kwakhona: | R120 |
| Ukutshekishwa kwakhona: | R30 |
| Ukubonwa kweencwadi zeempendulo: | R230 |

Ezi ntlawulo ziya kurhoxiswa kubaviwa abakwizikolo ezingahlawulisi zifizi. Abaviwa abakuxolelweyo ukuhlawula iifizi baya kuxolelwa kwintlawulo yokumakishwa kwakhona.

3. **Izicelo zeemviwo ze-*NSC* zangoMeyi/Juni 2025**

3.1 Bonke abaviwa ababebhalisele iimviwo ze-*NSC* zangoNovemba 2024 nababengekho kwinxenye yoviwo nabanesizathu esamkelekileyo okanye abangazange baphumelele

ukufumana iziphumo zokufunda ababenethemba lokuzifumana, banokwenza isicelo sokubhala uviwo lwe-*NSC* lwango-Meyi/Juni 2025.

3.2 Iifom zezicelo zobhaliso ziya kufumaneka ezikolweni ezifundisa ikharityhulam ye-*NSC*, kwii-ofisi zezithili, kwi-*WCED Examination Client Services Centre*, apha: *1 North Wharf Square*, *2 Lower Loop Street, Foreshore*, *Cape Town* nakwiziko lewebhu leSebe iWCED.

3.3 Umhla wokuvala kwizicelo zeemviwo ze-*NSC* zangoMeyi/Juni 2025 **nguLwesihlanu we-07 Februwari 2025. Akukho zicelo zifike mva ziya kwamkeleka.**

3.4 Nayiphi na imibuzo emalunga nobhaliso lweemviwo zangoMeyi/Juni 2025 inokuthunyelwa apha: ExamRegistrations@westerncape.gov.za

4. ISebe iWCED malaziswe ngamalungiselelo enziwe zizikolo nangamaziko okubhalela iimviwo okuthathwa kweziphumo zawo. Ziyacelwa iinqununu/abaphathi bamaziko okubhalela iimviwo ukuba bazalise le fom iqhotyoshelweyo **(isiHlomelo A)** ize ithunyelwe **kumlawuli wesithili** ochaphazelekayo engadlulanga **uLwesihlanu we-06 Disemba 2024.**

5. **Ukunikwa inkxaso neengcebiso kwabaviwa abangapasanga**

5.1 Kubaluleke gqitha ukuba abaviwa abangazipasanga iimviwo, banikwe inkxaso nentuthuzelo ngokwasemoyeni neengcebiso. Mabaxelelwe aba baviwa ukuba kukho inkonzo yentuthuzelo neengcebiso efumanekayo. Banokunikwa iingcebiso esikolweni abaviwa xa befumana iziphumo zabo, okanye ukuba kunokwenzeka, kwii-ofisi zezithili zemfundo ezichaphazelekayo apho abasebenzi besebe baya kufumaneka khona.

5.2 Ukuba inqununu/umphathi weziko okanye utitshala nomsebenzi ekudluliselwe kuye amagunya, bathumela umviwa kwi-ofisi yesithili, makanikwe umviwa lowo inombolo yefoni nedilesi ye-ofisi yesithili yaye makunikwe ne-ofisi yesithili iinkcukacha zomviwa ngokunjalo.

5.3 Kusoloko kusenzeka qho ukuba abaviwa abafuna ukunikwa intuthuzelo neengcebiso, bangazifuneli bona ngokwabo. Ngoko ke kubongozwa izikolo namaziko okubhalela iimviwo ukuba zibe nemfobe novelwano kwimeko yeemvakalelo zabaviwa abaye abaphumelela ngokweminqweno yabo.

6. **Ukukhutshwa kwengcaciso engabafundi kumajelo eendaba**

Amajelo eendaba aya kuba nomdla wokufumana ingcaciso engabafundi abathe baqhuba kakuhle kakhulu kwiimviwo ze-*NSC*. Iinqununu/abaphathi bamaziko okanye ootitshala nabasebenzi ekudluliselwe kubo amagunya, banokuyinika ingcaciso efana nale neefoto kumajelo eendaba ngokuthethana nabazali nangokuxhomekeke ekubeni zizalisiwe yaye zisayiniwe iifom zokunika imvume (*consent forms)* zoMthetho i-*Protection of Personal Information Act, 2013 (Act 4 of 2013*).

7. Kucelwa nazise okukule ngcaciso imfutshane bonke abasebenzi abachaphazelekayo ukuze bakuthathele ingqalelo.

**ISAYINWE:** NGU-BJ LORISTON
**USEKELA MLAWULI-JIKELELE WEKHARITYHULAM NOLAWULO LOVAVANYO**
**UMHLA:** 2024-11-25